



# UBhokhwana

Le ncwadi yeka

---









*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit [bookdash.org](http://bookdash.org).*

*UBhokhwana*

Original title: *Little Goat*

Illustrated by Nicola Anne Smith

Written by Mirna Lawrence (Representing *The Molteno Institute of Language and Literacy*)

Designed by Tiffany Mac Sherry

Edited by Nabeela Kalla

Translated by Nal'ibali

with the help of the Book Dash participants in Grahamstown on 12 November 2016

ISBN: 978-1-928497-45-5

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

**Attribution:** You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

**No additional restrictions:** You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

**Notices:** You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

**No warranties are given.** The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.







# UBhokhwana



Nicola Anne Smith

Tiffany Mac Sherry

Mirna Lawrence





UBhokhwana waya kufuna eyona  
ngca imnandi.





Phezulu isibhakabhaka sasizuba.  
Kodwa zange ajonge phezulu.









Ezantsi umlambo wawurhotyoza.  
Kodwa uBhokhwana zange  
ayimamele ingoma yawo.








Intaka yamkhwaza, isithi, “Unjani?”





Kodwa uBhokhwana  
zange ayiphendule.








Wasuka waqhuba ngokuhamba  
ekhangela eyona ngca imnandi.













Wathi esahamba njalo, wasuka  
uBhokhwana wamshiya emva  
kakhulu uMama uBhokhwe.





UBhokhwana wade wayifumana eyona  
ngca inencasa. Watya, watya akayeka.





Wayemshiye kude uMama uBhokhwe.





UMama uBhokhwe wazibuza ukuba  
uyephi uBhokhwana.





Wamkhangela kwindawana eyayityalwe  
umbona, kodwa uBhokhwana  
wayengabonakali ndawo.










UMama uBhokhwe wabaleka waya  
emlanjeni. Kodwa uBhokhwana  
wayengabonakali ndawo.

“Uphi, Bhokhwana?” wakhwaza  
uMama uBhokhwe.







Intaka yakhwaza uMama uBhokhwe,  
“UBhokhwana ulele ngaphaya  
kwebhulorho engceni emnandi.”










UMama uBhokhwe wanqumla  
ibhulorho waya engceni emnandi.






Wamfumana apho uBhokhwana  
elele yoyi.







“Vuka Bhokhwana,” watsho ezolile  
uMama uBhokhwe. “Ubulahlekile!”







“Bendingalahlekanga ... bendilapha ngalo lonke ixesha!” watsho uBhokhwana.







